



Ikamva-Ukunonophela
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

Isihloko sesifundo: IBandla lobuPostile yobuKatolika

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQinisekiso esithi “IBandla lobuPostile lobuKatolika”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibele njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebisso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonko elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSH
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none">• iBhayibhile• Isifundo esikwimo yePDF eselete ilungisiwe• Incwadi yomsebenzi womntwana kanye neepensile, iikhrayoni, njl.• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziwego / sisixhobo esongezelwego sokuzikhethela• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) <p>Qaphela:</p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemvu kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!</p> <p>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelanelo notitshala wesiqinisekso ukuba ufunu naluphina uncedo okanye ufunu nasiphina sisixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.



Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekaka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso aphi wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono Iwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna Uku....)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



Isifundo

Ishloko seSifundo

IBandla lobuPostile lobuKatolika

Injongo yesifundo

Abantwana bafunda ukuba umsebenzi weNkosi uphuhle njani phantsi kwabaPostile bokujala bexesha lokugqibela.

Izibhalo ZeBhayibhile:

Zenzo 1: 15–16, 20, 23, 26

Isishwankathelo sesifundo:

Intshayebole:

Namhlanje siza kwazisa ngeBandla lobuPostile lobuKatolika. Siza kufunda malunga:

- Igama "IBandla lobuPostile lobuKatolika"
- UTywino oluNgcwele lokuqala
- Ukuthanjiswa kwabancedisi boMpostile kunye
- Nophuhliso olongezelelekileyo ebandleni

Intsuka phi:

- Ngo-1835, abaPostile babizwa ngesiprofeto baza bangcwaliswa (bamiselwa).
- Baza ke bafikelela kuzo zonke iinkokeli zomoya kunye neenkoheli zengingqi zobukrestu.
- Baye bacela bonke abefundisi bamanye amabandla amakrestu ukuba balande abapostile kodwa abanye abefundisi abazange basisabele isicelo.
- Lo mabandla awamkelayo umsebenzi wabapostile asebenzisa igama elithi Ibandla lobuPostile lobuKatolika.

Umxholo:

Igama "IBandla lobuPostile lobuPostile"

- Igama elithi Katolika livela kwigama lesiGrike elithi "katholikos" elithetha "yonke" okanye "jikelele" - kwihi labathi liphela.
- Abapostile ngokunxulumene nabapostile.

Utywino oluNgcwele lokuqala

- Utywino oluNgcwele lokuqala lenziwa nguMpostile uCardale eLondon, eNgilani, no-Mpostile uCarlyle eFrankfurt kwi-Main, Germany
- Njenganamhlanje, abaPostile, benza esi senzo ngokuthandaza nokubeka izandla kwabo bathembekileyo.
- KODWA, ngelo xesha, kwakufuneka ube neminyaka engamashumi amabini kwaye wawuthanjiswa ngeoyile engcwalisiweyo.

Ukuthanjiswa kwabancedisi besenzelwa abaPostile

- Umsebenzi kaThixo wawusasazeka kwaye kwakunzima kubaPostile ukumelana nomsebenzi wabo.
- Abazange bathambise abanye abaPostile njengoko babecinga ukuba kufanele ukuba babe ngabaPostile abalishumi elinambini.



- Benza isiggibo sokuthambisa abancedisi, abaziwa ngokuba ngabaququzeleli (elivela kwigama lesiLatini elithetha abancedi okanye abancedisi).
- Ngegunya IoMpostile, uMququzeleli wayenakho ukwenza utyikityo kunye nolungiselelo.

Uphuhliso oluphangaleleyo ebandleni

- Abapostile bagqiba kwelokuba kufanele ukuba kube linani elishumi elinambini labaPostile kwixesha lokuggibela, ukuya kwixesha lokubuya kukaYesu, njengoko kwakunjalo kwixesha likaYesu kwakukho abaPostile abalishumi elinambini.
- Ngoke xa uMpostile uthe wafa kwakubakho isikhewu.
- KwiZenzo kukhankanywe ukuba isikhewu - kwisangqa sabaPostile abalishumi elinambini abathanjiska nguYesu – obangelwa kukufa kukaJudas Iskariyothi sazalisa ngokubizwa kukaMatiyasi. UBharnabhas noSawule (uPawulos) babengabaPostile abongezelelwego.

Izenzo 1: 15–16, 20, 23, 26: "Ngaloo miha wesuka wema uPetros Phakathi kwabo abazalwana (laye inani lamagama ndawonye lingathi lilikhulu elinamanci), wathi, 'Madoda, bazalwana, esi sibhalo simelwe kukuba sizaliseke, satethwayo nguMoya oyiNgcwele ngaphambili ngomlomo kaDavide ngaye uYuda, owaba ngumkhokeli kwabo bambambayo uYesu. Kuba kubhaliwe encwadini yeeNdumiso kwathiwa: 'Umzi wakhe mawube yintlango, kungabikho umito kuwo'; buthi nobuveleli bakhe buthatyathwe ngomnye. Bamisa mabini, uYosefu, okuthiwa nguBharsabhas, ogama limbi lingu Yusto, noMatiya. Bawisa amaqashiso abo, lathi iqashiso laphuma noMatiya; wabalelwgo ndawonye nabaPostile abalishumi elinamnye.

- Abapostile abaseleyo bexesha lokuggibela kwafuneka bathabathe uxanduva Iwabo bafileyo.
- Kwakukho ubizo Iwesiprofeto Iwabapostile abongezelelwego kodwa oku kwalelwgo.
- Ngo-1901 uF. V. Woodhouse, ongowokugqibela kubapostile abalishumi elinambini beli xesha lokuggibela, wafa.
- Kwakungekho abanye abaPostile ukuba benze utywino okanye bathambise kwibandla lobuPostile lobuKatolika.

Isiphelo:

- Abapostile bexesha lokuggibela balindele ukuba uYesu abuye ngexesha labo.
- Abazange bathambise ngaphezu kwabaPostile abalishumi elinambini bokuqala.
- Xa uMpostile wokugqibela weBandla lobuPostile lobuKatolika wafayo, iinkokheli azizange zikwazi ukuyizalisekisa injongo yazo.



Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Amakholwa amaKatilika obuPostile asamkela isikhonzo sobuPostile.
- AbaPostile bakholelwa ukuba kufanele ukuba babe ngabaPostile abalishumi elinambini kuhela de abuye uKrestu.
- Abazange balwamkele ubizo IwaBapostile abongezelekileyo ngaphandle kobuzo lokuprofeta olwalufuna abaninzi.
- Umntu othwele isikhonzo ufile, hayi isikhonzo ngokwaso. Isikhonzo ngoko sesomsebenzi kaThixo ukuba uqhubeke nokulungiselela abantwana bakaThixo ukubuya kwaKhe.

Ubusazi?

1. Ibandla lobuPostile lobuKatolika alizange lenzelwe ukuba libe libandla elitsha. Ngenxa yokuba ubizo Iwabo Iwaluprefeteshiwe, babecinga ukuba onke amabandla amaKrestu ayakulandela abaPostile.
2. Kwakukho umprofeti, uGyer owafumana iziprofeto zokuba uninzi IwabaPostile kufuneka lubizwe.
3. UMpostile wokuggibela ngexesha lokuggibela bebandla lobuPostile lobuKatolika wafa ngo 1901. Waye nguMpostile Woodhouse kwaye wayeneminyaka engama-96 ngelo xesha.

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kanye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen